

# UKUXHASWA
# KOKUFUNDA EKHAYA

Ingaba kwikhaya lakho kuyafundwa? Ukuze kukhuthazwe ukufundela ulonwabo, abantwana kufuneka bakwazi ukufunda ekhaya bangafundi kuphela esikolweni.

Nanga amacebo athile aza kukunceda khonukuze wenze ukuba ukufunda kube yinxalenye yempilo yosapho lwakho.

## Cwangcisa ukufunda kube yinto e-yenziwa yonke imihla

Khangela ixesha elifanelekileyo nelizolileyo kunye nendawo anokuhlala kuyo umntwana xa efunda. Oku ungakwenza emva kokuphuma kwesikolo okanye phambi kokuba alale umntwana wakho.

## Ndiyakufundela, uyandifundela

Chitha ixesha ufunda nabantwana bakho ngokukhwaza. Abantwana bayalonwabela eli xesha likhethekileyo balichitha nabazali babo. Oobhuti kunye noodade banganikana amathuba befundelana amabali ekhaya.

## Ukufunda kube kanye akonelanga!

Khuthaza umntwana wakho ukuba aphindaphinde efunda ibali alithandayo. Oku kuphindaphinda ukufunda kuza kubanceda bafunde ngokukhawuleza nangokuchanekileyo. Ukufunda ibali kwakhona kunika abantwana ithuba lokufumanisa izinto ezintsha ngebali qho xa belifunda.

## Xhasa umsebenzi owenziwa ngootitshala

Abazali nootitshala kufuneka basebenze kunye ekuncedeni abantwana ukuba babe ngabantu abafunda ngokuzithemba. Xa utitshala enika umntwana incwadi ukuba aye kuyifunda ekhaya, zama ukumphulaphula xa efunda umntwana wakho. Utitshala usenokukucela

ukuba uzalise uxwebhu lokurekhodisha indlela afunda ngayo umntwana khonukuze wazi iitekisi ezifundwe ngumntwana wakho.

***Umntwana wakho angakonwabela ukufunda xa ebona ukuba unomdla kwimisebenzi yakhe yokufunda!***

**Ukunceda abantwana abasokolayo ekufundeni.** Xa abantwana befunda ukufunda isantya sabo asifani. Yiba nomonde ubakhuthaze abantwana bakho kangangoko unako.

Ukuba unabantwana abasokolayo ekufundeni, khawukhe uzame ukudlala lo mdlalo ulandelayo nabo:

Yenza amakhadi oonobumba nezandi

- Songa uze ukrazule isiqwengana sephepha sibe zizkwere ezincinci
- Bhala unobumba wealfabhethi kwiskwere esincinci ngasinye

a b c
d e f

- Zibeke zithi saa iziqwengana zephepha okanye izikwere.  Khomba oonobumba abohlukeneyo. Cela abantwana bakho ukuba babize izandi. (not the names of the letters – this does not apply in Xhosa).
- Cela abantwana ukuba bakhe amagama ngokuthi basebenzise izikwere ezinonobumba. Xa bedibanisa izandi, kufuneka basibize isandi ngasinye baze emva koko bafunde amagama.

b a d

- Emva koko, bacele abantwana ukuba bawabhale la magama kwisiqwengana sephepha.

**Ukufumana ithuba lokufunda**

Abantwana kufuneka baziqhelanise nokufunda emakhaya nasesikolweni. Sebenzisa izixhobo ezahlukileyo zokufunda ezifana neemagazini okanye iikhomikhi abanako ukuzifundela bebodwa. Ngeli xa sikwazi ukubafundisa indlela yokufunda abantwana ngokuthi sixhase umsebenzi owenziwa ngootitshala, abantwana baba  ngabantu abazifundela bebodwa.

## Bhalisa kwithala leencwadi

Iinkonzo zamathala eencwadi azihlawulelwa zifumaneka felefele. Bhalisa umntwana wakho kwithala lencwadi lasekuhlaleni.

Umntwana angaboleka iincwadi ezine azigcine ixesha elingangeeveki ezimbini. Ukuya rhoqo kwithala leencwadi kuyabanceda abantwana ukuba baqhelane nokufunda – nto leyo bayakuyonwabela ubomi babo bonke.

## Download-a izixhobo zokufunda ezifumaneka felefele kwifoni yakho

Zininzi izixhobo zokufunda ezingahlawulelwayo onokuzi download-a kwi App Store efonini yak-ho. Sicebisa ngezi zilandelayo:

- African Storybook Reader (AsbReader)
-
- Book Dash (ilungele abafundi abaselula)
- Zikhona ke neewebsites onokufumana kuzo izixhobo zokufunda felefele:
- Fundza Mobi www.live.fundza.mobi
- Nal'ibali www.nalibali.org (Apha ke uza ku-fumana izixhobo zokufunda felefele ngeel-wimi ezininzi)
- NECT www.nect.org
- Room to Read www.roomtoread.org
- Global Digital Library www.digitallibrary.io

## Thengela abantwana bakho iincwadi

- Xa unako, thengela abantwana bakho iincwadi ubanike njengesipho. Xa usenza ngolo hlobo baza kufunda ukuba iincwadi zizixhobo ezikhethekileyo ekufuneka zixatyiswe.
- Ukuze ufumane ezinye iingcebiso, ungajonga ezi zixhobo zilandelayo:
- DBE: Practical Guidelines: How parents can contribute meaningfully to the success of their children in schools https://www.education.gov.za/Informationfor/ParentsandGuardians.aspx

- Nal'ibali: Making literacy a part of your home https://www.nalibali.org/news-blog/blog/making-literacy-part-your-home
- NECT: Advice to parents, Supporting your children throughout the Covid-19 lockdown https://sacoronavirus.co.za/2020/05/20/advice-to-parents-supporting-your-children-through-the-covid-19-lockdown/
- NECT: Reading guidelines and Tips for parents to support the development of their child's reading skills https://nect.org.za/materials/advice-to-parents
- Reading Rockets: Reading 101 - A guide for parents https://www.readingrockets.org/reading-101-guide-parents
- WCED: Parents' Guide, Let's make education better together. Did your child read, write and practise maths today? https://wcedonline.westerncape.gov.za/tips-parents/guide-parents

+27 12 752-6200

info@nect.org.za

Ground Floor, Block D, Lakefield Office Park,
272 West Avenue, Centurion, 0163

https://nect.org.za/

basic education
Department: Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Co-founded by the European Union

NATIONAL EDUCATION COLLABORATION TRUST

unicef
for every child